

Question time!

At Nal'ibali we are often asked for reading advice. There are some questions that lots of you have ask us. So, we thought we would share the five most frequently asked questions with you – and our responses to them!

1. What's the point of reading to babies when they don't understand what you are reading about?

Reading to babies and toddlers stimulates their thinking and develops their language. They might not be able to speak yet, but they are listening and engaging with every word that you say! Sharing books is also a great way to bond with your baby. When she enjoys looking at books with you, she learns that books are things that make her feel good! And so, she's more likely to want to learn to read them later on.

2. How often and for how long should I read to my child?

If possible, you should read aloud to your child every day for 15 minutes. Some children may want to spend more time than this sharing books with you. Other children – especially very young ones – may find it difficult to concentrate for 15 minutes. Your children should always enjoy you reading to them and it shouldn't feel like a chore, so rather break the 15 minutes up into smaller chunks of time.

3. Which books are good ones to read to my child?

Any book that your child enjoys is a good book because it encourages their love of reading and books. Always try to find books in your child's mother tongue and read those together before you start introducing books in another language.

4. My child has learnt to read. Should I stop reading aloud to him?

No! Find books which you think he would enjoy, but are still a little bit too difficult for him to read on his own, and read these aloud to him.

5. I want my children to respect books and take care of them. How can I teach them to do this?

If your children see you treating books with respect, they will learn to do this too. If they get pleasure from you reading aloud to them, they will take good care of books because they treasure the stories in them!



Ixesha lemibuzo!

KwaNal'ibali sidla ngokubuzwa ngeengcebiso zokufunda. Kukho imibuzo ethile uninzi lwenu enisibuzwa yona. Ngoko ke, sicinge ukuba sabelane nani ngemibuzo emihlanu neyiyona isoloko ibuzwa – kunye neempendulo zethu zaloo mibuzo!

1. Kubaluleke ngantoni ukufundela iintsana xa zingaqondi nokuqonda ukuba ufunda ngantoni na?

Ukufundela iintsana nabantwanana abasabhadazayo kuvuselela ukucinga kwabo kwaye kuphuhlisa nolwimi lwabo. Bangafane nje babe abakakwazi ukuthetha, kodwa bamamele kwaye baphonononga igama ngalinye oliithethayo! Ukwabelana ngeencwadi yenye yeendlela ezibalulekileyo onokusondelelana wakhe ubudlelwane ngayo nosana lwakho. Xa ekonwabela ukubuka iincwadi kunye nawe, ufunda ukuba iincwadi zizinto ezimenza azive onwabile! Ngoko ke, maninzi amathuba okuba afune ukuzifundela ngokwakhe ekuhambeni kwexesha.

2. Kufuneka ndimfundele amathuba amangaphi kwaye ndimfundele ixesha elingakanani kwithuba ngalinye umntwana wam?

Ukuba kuyenzeka, kufuneka umfundele ngokuvakalayo yonke imihla umntwana wakho kangangemizuzu eli-15. Abanye abantwana mhlawumbi bangafuna ukufumana ixesha elingaphezulu kuneli lokwabelana nawe ngeencwadi. Abanye abantwana – ingakumbi abancinane kakhulu – bangakufumanisa kunzima ukuzikisa iingqondo zabo imizuzu eli-15 ngexesha. Kufuneka abantwana bakho basoloko bekonwabela ukufundelwa nguwe kwaye oko akufuneki kuvakale ngathi ngumsebenzi, ngoko ke kungcono ukuba loo mizuzu ili-15 uyohlule ibe yimizuzwana embalwa ngexesha ngalinye.

3. Zeziphi iincwadi ezilungele ukuba ndingazifundela umntwana wam?

Nayiphi na incwadi umntwana wakho ayonwabelayo yincwadi elungileyo leyo kuba ikhuthaza uthando lwakhe lokufunda kunye nolweencwadi. Ngalo lonke ixesha zama ukufumana iincwadi ezibhalwe ngolwimi lweenkobe lomntwana wakho nize nizifunde kunye ezo ncwadi phambi kokuba uqale ukumfundela iincwadi ezibhalwe ngezinye iilwimi.

4. Umntwana wam sele ekwazi ukuzifundela. Ingaba oko kuthetha ukuba mandiyike ukumfundela ngokuvakalayo kusini na?

Hayi, nakanye! Khangela iincwadi ocinga ukuba uza kuzonwabela, kodwa ezisenzinyana kuye ukuba angazifundela ngokwakhe, uze umfundele zona ngokuvakalayo.

5. Ndifuna abantwana bam bazihloniphe iincwadi kwaye bazikhathalele. Ndingabafundisa njani ukwenza oku?

Ukuba abantwana bakho bakubona uziphethe ngentlonipho iincwadi, baza kufunda ukwenza njalo nabo. Ukuba bayakonwabela ukufundelwa nguwe ngokuvakalayo, baza kuzikhathalela iincwadi kuba bawaxabisile amabali abawafumana kuzo!



Drive your
imagination

Story Power.
Bring it home.
Wazise ekhaya amandla ebali.





Drive your
imagination

What do you think?

In October 2014, Nal'ibali launched a national billboard drive called, "Story Power. Bring it home." If you have seen one or more of the Nal'ibali "Story Power" billboards, we'd like to hear from you!

Please complete the survey to tell us what you think. Send your completed survey form to The Campaign Manager, PRAESA, Suite 17-201, Building 17, Waverley Business Park, Wyecroft Road, Mowbray, Cape Town 7700; or fax it to 021 448 0991; or email it to info@nalibali.org. You can also complete the survey on-line by going to www.nalibali.org.



Ucinga ntoni?

KweyeDwarha yowama-2014, uNal'ibali wasungula iphulo leebhlabhodi elaziwa ngokuba yi- "Story Power. Wazise ekhaya amandla ebal." Ukuba ubone enye nangaphezulu kwezi bhlabhodi ze-"Story Power" zakwaNal'ibali, singathanda ukuva ukuba ucinga ntoni na ngazo!

Nceda ugcwalise olu vavanyo-zimvo usixelele ukuba ucinga ntoni na. Thumela ngeposi uxwebhu lwakho olugcwalisileyo lovavanyo-zimvo ku-The Campaign Manager, PRAESA, Suite 17-201, Building 17, Waverley Business Park, Wyecroft Road, Mowbray, Cape Town 7700; okanye ulufeksele ku-021 448 0991; okanye ulu-imeyilele ku-info@nalibali.org. Kananjalo ungalugcwalisa uvavanyo-zimvo kwikhompyutha ngokuya kwidilesi yomnathazwe u-www.nalibali.org.

SURVEY

About you

- Sex:**
 - ☐ Male
 - ☐ Female
- How old are you?**
 - ☐ 5-15 years
 - ☐ 16-20 years
 - ☐ 21-30 years
 - ☐ 31-40 years
 - ☐ 41-55 years
 - ☐ older than 55 years
- Tick all the languages you speak at home.**
 - ☐ English
 - ☐ Afrikaans
 - ☐ IsiXhosa
 - ☐ IsiZulu
 - ☐ IsiNdebele
 - ☐ Siswati
 - ☐ Sesotho
 - ☐ Sepedi
 - ☐ Setswana
 - ☐ Xitsonga
 - ☐ Tshivenda
 - ☐ Other

Now circle the language above that is the MAIN language you use at home.

About the billboards

- Where did you see a Nal'ibali "Story Power" billboard? (You can tick more than one answer.)**
 - ☐ At a taxi rank
 - ☐ At the side of a highway
 - ☐ Outside a school
 - ☐ Outside a shopping centre/shop
 - ☐ Inside a shopping mall
- Which of these three billboards have you seen in places other than in the Nal'ibali newspaper supplement? (You can tick more than one answer.)**
 - ☐ A father with two children flying on a book.
 - ☐ A mother carrying a baby on her back, with the baby reading a book.
 - ☐ A child reading a book with her hair blown backwards.
- What do you think of the billboards?**
 - ☐ I loved them.
 - ☐ They were okay.
 - ☐ I didn't like them.
 - ☐ I didn't understand them.
 - ☐ Nothing.
- What do you think the billboards are trying to say – what is the message? (You can tick more than one answer.)**
 - ☐ That there is a new children's programme starting on SABC.
 - ☐ That parents should read to their children.
 - ☐ That stories are good for children.
 - ☐ That children should bring home books and stories.
- Did you do any of these things after seeing the billboards?**
 - ☐ Visit the Nal'ibali website or mobisite.
 - ☐ Read /told a story to my child/ren.
 - ☐ Talked to others about the billboards.
 - ☐ Something else. (What did you do?
 - ☐ Nothing.
- If you talked to others about the billboards, who did you talk to about them? (You can tick more than one answer.)**
 - ☐ my friends
 - ☐ my family
 - ☐ my children

UVAVANYO-ZIMVO

Okumalunga nawe

- Isini:**
 - ☐ Uyindoda
 - ☐ Ungowasetyhini
- Mingaphi iminyaka yobudala bakho?**
 - ☐ iphakathi kwe-5-15 leminyaka
 - ☐ iphakathi kwe-16-20 eminyaka
 - ☐ iphakathi kwama-21-30 eminyaka
 - ☐ iphakathi kwama-31-40 eminyaka
 - ☐ iphakathi kwama-41-55 eminyaka
 - ☐ ingaphezulu kwama-55 eminyaka
- Tikisha zonke iilwimi ozithethayo ekhaya.**
 - ☐ IsiNgesi
 - ☐ I-Afrikaans
 - ☐ IsiXhosa
 - ☐ IsiZulu
 - ☐ IsiNdebele
 - ☐ Siswati
 - ☐ Sesotho
 - ☐ Sepedi
 - ☐ Setswana
 - ☐ Xitsonga
 - ☐ Tshivenda
 - ☐ Olunye ulwimi olungabalwanga

Ngoku ke, faka isangqa kulwimi olungasentla OLULOLONA ulusebenzisa kakhulu ekhaya.

Okumalunga neebhlabhodi

- Uyibone phi ibhlabhodi ye-"Story Power" yakwaNal'ibali? (Ungatikisha ngaphezulu kwempendulo enye.)**
 - ☐ Erenkini yeeteki
 - ☐ Ecaleni kukahola wendlela
 - ☐ Ecaleni kweesikolo
 - ☐ Ecaleni kodederhu lweevenkile/ ecaleni kweevenkile
 - ☐ Ngaphakathi kudederhu lweevenkile
- Yeyiphi kwezi bhlabhodi zintathu okhe wayibona kwezinye iindawo ezingelulo uhlelo lweNal'ibali? (Ungatikisha ngaphezulu kwempendulo enye.)**
 - ☐ Utata nabantwana ababini ababhabha ngencwadi.
 - ☐ Umama obeleke usana olufunda incwadi.
 - ☐ Umntwana ofunda incwadi oneenwele eziphephezeliselwa ngasemva ngumoya.
- Ucinga ntoni ngezi bhlabhodi?**
 - ☐ Ndizithandile.
 - ☐ Zintle njee.
 - ☐ Andizithandanga.
 - ☐ Andiqondanga ukuba zingantoni na kanye.
 - ☐ Andicingi kwanto ngazo.
- Ucinga ukuba ezi bhlabhodi zizama ukuthini – uthini umyalezo wazo? (Ungatikisha ngaphezulu kwempendulo enye.)**
 - ☐ Zithetha ukuba kukho inkqubo entsha yabantwana eqalayo kwiziko losasazo i-SABC.
 - ☐ Zithetha ukuba abazali kufuneka bafundele abantwana babo.
 - ☐ Zithetha ukuba amabali abalungele kakhulu abantwana.
 - ☐ Zithetha ukuba abantwana kufuneka bagoduke neencwadi kunye namabali.
- Ingaba wenze eyiphi na kwezi zinto emva kokubona ezi bhlabhodi?**
 - ☐ Undwendwele iwebhusayithi okanye imobhisayithi yeNal'ibali.
 - ☐ Ufundele/ubalisele umntwana/ abantwana ibali.
 - ☐ Uncokole nabanye malunga nezi bhlabhodi.
 - ☐ Wenze enye into engekho kwezi. (Wenze ntoni?
 - ☐ Awenzanga nto kwaphela.
- Ukuba uncokole nabanye malunga nezi bhlabhodi, uncokole nabani ngazo? (Ungatikisha ngaphezulu kwempendulo enye.)**
 - ☐ nabahlobo bam
 - ☐ nosapho lwam
 - ☐ nabantwana bam

Create your own cut-out-and-keep book

- Take out pages 3 to 6 of this supplement.
- Fold it in half along the black dotted line.
- Fold it in half again.
- Cut along the red dotted lines.

Zenzele eyakho incwadana onokuyisika-ze-uyigcine

- Thatha iphepha lesi-3 ukuya kwelesi-6 kolu hlelo.
- Wasonge phakathi kumgca wamachaphaza amnyama.
- Phinda uwasonge phakathi.
- Sika kwimigca yamachaphaza abomvu.



“It is I, Nogwaja, my king. I am very sorry to bring you such sad news so early in the morning,” he continued.

“What sad news are you talking about? Do speak up!” demanded Lion, trying to make his voice sound deep with authority.

UNogwaja, uMvundla, waphakama wathi, “Kucacile kum ukuba akusekho macebo aluncedo okanye akukho zicwangciso zokusombulula le ngxaki yethu. Ncedani nindivumele ukuba ndiye kumenza agqume uNgonyama! Ndiyathembisa ukuba ndiza kuyenza loo nto phambi kokuba litshone elanamhlanje ilanga.”

Ezinye izilwanyana zakuvuyela ukukhululwa nguMvundla. Ezinye zazo zaziphelilewe ngamandla zilambe nokulamba. “Kulungile ke Nogwaja. Qhuba nelo cebo lakho. Sikungwenela impumelelo,” watsho uNyathi.

UNogwaja wakhawuleza wemka waya endlwini kaNgonyama engumqolomba osezintabeni. Wakhwela phezu kwelitye wakhwaza wathi, “Nkos’enkulu! Kumkani Ngonyama. Ndiyabulisal!”

“Ngubani lowo?” kubuza uNgonyama.

“Ndim, uNogwaja Kumkani wam. Uza kundixolela ngokukuphathela iindaba ezilusizi kangaka kwakusasa,” uqhube watsho.

“Ndaba zini ezo uthetha ngazo? Khawuleza uthethe!” watsho ngokuzithemba uNgonyama, ezama ukuba ilizwi lakhe livakale lingunya.

Children should have access to a diverse range of storybooks – including African stories.

Join the [#givebookschangelives](#) initiative to help us make a difference and get more books to more children.


www.puo.co.za

Twitter: [@PUO](#)

Facebook: [@Puo for kids](#)



Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark children's potential through storytelling and reading. For more information, visit www.nalibali.org or www.nalibali.mobi



UNal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukozonwabisa nokuvuselela umdla ebantwaneni ngokubalisa amabali nokufunda. Ngeenkukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-www.nalibali.org okanye ku-www.nalibali.mobi



Drive your imagination

Fold

Nogwaja, the hare, stood up and said, “It is clear to me that there are no more helpful ideas or plans to solve our problem. Please allow me to go out and make Lion roar! I promise that I can do this before the sun sets today.”

“The animals were so relieved to hear this. Some of them were tired and hungry as well.

“Very well, Nogwaja. Go ahead with your plan. We wish you success,” said Buffalo.

Nogwaja walked quickly to Lion's den up in a cave near the mountains. He stood on a rock and called out, “Greetings to you, my great king!”

“Who is that?” asked Lion.

How Lion got his roar

Indlela okwenzeka ngayo ukugquma kweeNgonyama

Gcina Mhlophe
Magriet Brink





U'Nkawu weza ncebo. "Mna ndicinga ukuba kufuneka sibophelele intsimbi entanyeni kaNgonyama ukuze ihale ikhala. Ngokwenjengalo siya kumva eseza kude, sikhawuleze sizimele."

"Ngumbono omhle lowo Nkawu. Kodwa ke khawutsho: Nguhani apha phakathi kwehu onokuba nesibindi sokuya kurhinyela intontela enentsimbi entanyeni kaNgonyama?" kwabuzza uNxagu. Akukho ncsinye isilwanyana esathi sona singazama nokuzama ukusondela kuKumkani wezilwanyana.

"Kalo ku, mhlawumbi singayiqhatha ngandela ithile. Singabophelela intambo emlenzeni wayo size enye incam yayo siyithandele elitveni elikhulu, ngolo hlobo soze iye kude?" kutsho u-Impala.

"Khangela apha Impala," utshilo uDyakalashhe ebucaphuka, "nawe uyazi ukuba asinakukwenza oko singambambanga uNgonyama osisidenge ngokoneleyo sokwenza oko, lowo ufana noHleyo."

Kwawakala isingqala esikhulu esivela kwizilwanyana ezincinane. Zazisazi ukuba zingata kukoyika kuphela engekazibambi nokuzibamba uNgonyama.

There was a time, long, long ago, when Lion, king of all the beasts, had a very soft voice. He was not respected by his subjects and that bothered him very much. When he tried to roar, he made a hoarse little sound that was quite funny.

But the other animals did fear him because of his superior hunting skills. He could move very quietly, biding his time, until he was quite close. Then he would pounce on an unsuspecting victim – killing it instantly! The smaller animals were so scared of Lion that they would simply die of fright before he even sank his teeth into their flesh. The fact that Lion gave no warning sound made hunting very easy for him and his life was very good indeed. Lion was getting quite fat and lazy.

But this was terrible for the other animals. They hated the life they were living. They wished that Lion could at least make a warning sound when he was out hunting.



10

unaware of how happy the hare was on his back. they should keep quiet. Lion and Nogwaja continued, with Lion putting his finger on his lips to show the other animals that smiled at his friends, waved to them, but cautioned them by how on earth Nogwaja could do such a thing! Nogwaja simply their journey. Other animals who saw this could not understand The crafty hare jumped onto Lion's back and they continued and climb on my back. We do not have much time."

complained even more, until Lion said, "Very well then, come he needed to rest a little. But Lion would not let him. He complained about how sore his little feet were. He said that more time. When they had travelled a short distance, Nogwaja The king stood up and followed Nogwaja without wasting any to travel with you and show you where he is."

"On the other side of that mountain, my king. Please allow me

"So where is he?" asked Lion. immediately," said Nogwaja. he may die very soon. He has sent me to come and call you "Unfortunately, your brother is very ill. It looks as though



All the other animals heard Lion's roar – wherever they were hiding. They knew that Nogwaja had done what he had promised to do with great success! Many thanked Nogwaja and praised him for his clever plan.

From that day to the present, Lion's roar puts great fear into anyone who hears it.

Cosi cosi iyaphela. Here I rest my story.


Kungekudala uNogwaja wazibona iinyosi ezinomsindo zikhangela lowo ube ubusi bazo. Emunca iintupha zakhe kwaye encume ukusuka kwenye indlebe ukuya kwenye, uNogwaja wazibona iinyosi zisonda ngoNgonyama oleleyo.

Waxhuma apho uNgonyama engathandanga. Iinyosi zazimfikila kuyo yonke indawo esemzimbeni wakhe – ingakumbi empumlweni nasezindlebeni, nasemsileni – kwaye wayengazi ukuba angabalekela phi na okanye kwenzeke njani na sele ehlaselwa ziinyosi nje. Wayegcuma ziintlungu. Wakhala ekhwaza, exhuma-xhuma ngathi uyaxhentsa lade ilizwi lakhe laphumelelisa kukuholonga. Waqalisa ukugquma ngamandla. Wawungafunga ukuba kududuma izulu. Umgqumo wakhe wawuvakala usenza intlokoma phezu kwentaba namawa kunye nangaphesheya komlambokazi.

Zonke ezinye izilwanyana zawuva umgqumo kaNgonyama – naphi na apho zazizimele khona. Zazisazi ukuba uNogwaja usifizekisisile isithembiso sakhe ngenkulu yona impumelelo! Ngobuninzi bazo zambulela zimncoma ngokuhlakanipha kwakhe nangecebo lakhe elikrelekrele.

Ukususela ngaloo mini ukuza kutsho nanamhlanje oku, umgqumo kaNgonyama woyikisa kakhulu nabani na owuvayo.

Phela-phela ngantsomi.



Monkey made a suggestion, "I think we must tie a bell around Lion's neck so that we can hear him coming from far away?"


"That is a great idea indeed. But tell us: Who will be brave enough to put that bell around his neck?" asked Wild Pig.

Nobody was prepared to go anywhere near the king of the beasts.

"Well, maybe we can trick him somehow. We can tie one end of a rope around his leg and the other end to a very big rock, then he cannot go far!" said Impala.

"Hold on Impala, please," interrupted Jackal, very irritated. "You know very well that we would have to hold Lion down to tie the rope around his ankle. If anyone is foolish enough to do that, they are as good as dead."

"There was big gasp from some of the smaller animals. They knew they would die from fright before Lion even touched them.




Kudala-dala mhla-mnene, ngethuba uNgonyama, ukumkani wezilwanyana, wayesenelizwana elingcekengceke. Wayengahlonitshwa tu ngabalandeli bakhe kwaye oko kwakumkhathaza kakhulu. Xa azama ukugquma wayesuka enze isandana esitshothozayo nesihlekisa kakhulu.

Kodwa phantse zonke izilwanyana zazimzonda kakhulu kunokuba zimoyike. Wayethanda ukuzichwechwela zingalindelanga aze azixhakamfule evele ngasemva – asibulale ngoko nangoko islwanyana eso! Ezincinane ke bethu zazibulawa kukothuka zingekaqwengwa nokuqwengwa oku. UNgonyama wayeyithanda indlela yakhe yokuzingela ethe cwaka.

Wayengenamsebenzi kwaye engakhathalelanga nokuzenzela abahlobo. Ukhawuleze ke ngoko watyeba kakhulu ze nobuvila ke banda ngenxa yoku kutyeba.

Kodwa oku kwakungazonwabisanga kwaphela ezinye izilwanyana. Zazingabuthandi tu ubomi ezazibuphila. Zazingqwenela ukuba uNgonyama enze isandi sokuzilumkisa xa ephumile eye kuzingela.



In the wink of an eye, Nogwaja saw the angry bees coming to get whoever had stolen their honey. Licking his fingers and smiling from ear to ear, Nogwaja saw them all over the sleeping lion.

Lion jumped up. The bees were stinging him all over his body – worst of all on his nose and ears, not to mention under his tail – and he did not know which way to run or how this had happened. He cried out in pain. He called out, jumping up and down, until his voice broke. He began to roar like thunder! His roar could be heard echoing over the mountain cliffs and across the big river.

"Ngelishwa umkhuluwa wakho ugula kakhulu. Kukhangceleka ngathi angafa lingatshtonanga elanamhlanje. Undithumile ukuba ndize kukubiza kwakamsinyane," watsho uNogwaja.

"Uphi ke?" kubuza uNgonyama.

"Ungaphaya kwala ntaba Kumkani wam. Ngokuzithoba ndicela ukukubonisa indlela eya kwindawo akuyo."

UKumkani waphakama waze walandela uNogwaja ngaphandle kokuchitha ixesha. Bahamba nje umganyana omfutshane waze uNogwaja wakhala ngecnyawo zakhe ezibuhlungu. Wathi ufuna ukukhe aphume okomzuzwana. Kodwa uNgonyama zange afune nokuba. Wakhala ngakumbi uNogwaja, wade wathi uNgonyama, "Kulungile ke, yiza ndikubeleke. Sele sisihywe lixesha kakhulu."

Akazange alubone uNgonyama uvuyo olungako ebusweni bukaMvundla xa ekhawuleza exhumela emqolo kunye, baze ke baqhubeka nohambo lwabo. Ezinye izilwanyana ezabona okwakusenzeka apho zazizifihle khona zange zikhohle ukuba uNogwaja ukwenze njani oko! UNogwaja yena wasuka wazincumela, wawangawangisa kubahlolo bakhe kodwa ebalumkisa ngokubeka umnwe emilebeni yakhe ebaxcelela ukuba bathi cwaka. UNgonyama noNogwaja baqhuba nohambo lwabo, uNgonyama engayazi indlela uMvundla owawonwabe ngayo emqolo kuye.

Kwalile ngantsasa ihile phambi kokuba lithi chapha ilanga, uNtyathi wabiza indanganisyo yesiquphe kufutshane naseemthongeni. Iintaka zazisagala ukucula imibuliso yazo yosuku olutsha. Indobo ezininzi zezilwanyana zazokelana kule ndanganisyo yesiquphe. Kodwa kwakusese kuseni kakhulu ukuba wayengavukayo aye apho uKumkani uNgonyama. Izilwanyana zaya zifika ngokufika zivela mbombo zone – zonke kunjalo nje, ukusuka kwezincinane ukuya kwezona zinkulu. Wathi uNtyathi akubona ukuba zonke zikhona, waphakama wabulisa.

“Bantakwethu nani boodadewethu, ndinibizele apha kuba singengxaki enkulu. Le ngxaki kufuneka sonke sikhawuleze sifumane isisombululo sayo, khona namhlanje!” Zonke izilwanyana zahlala phantshi zizolile, zamamela. “Singenxaki enkulu ngenjela uKumkani uNgonyama azingela ngayo. Akenzi ngxolo xa azingelayo kwaye ubulala abahlobo bethu kunye namalungu eentsapho zethu nanini na xa athandayo, kungabikho nesinye isilumkiso xa aza kwenza oko. Kufuneka senze into malunga noko ngokungxamisekileyo!” kwatsho uNtyathi ekhangeleka ekhathazeke kakhulu.

“Ewe unyanisile uNtyathi,” kongeza ngelitshoyo uMfene. “Kungekudala siza kufa sonke, kuquka nabantwana bethu. Soze balifumane nethuba lokuba bakhule babe zizilwanyana ezidala.”

UBhadi, uQwathashe kunye noNdlulamthi banqwala beumelana noMfene.



Early one morning, before the sun was up, Buffalo called an urgent meeting near the waterhole. The birds were just beginning to sing their daily greetings to the new day. Many different animals gathered at this special meeting. But it was way too early for Lion, king of all the beasts, to attend.

The animals kept on coming – all of them, from the smallest to the biggest ones. When Buffalo was satisfied that everyone was there, he stood up and greeted them.

“My brothers and sisters, I have called you here because we have a very big problem. We have no choice but to find a solution no later than today!” All the animals settled down to listen. “We have a big problem with the way King Lion does his hunting. He does not make a sound when he hunts and he kills our friends and family members as and when he pleases, with no warning at all. Something must be done about this urgently!” said Buffalo looking very troubled.

“Yes, Buffalo is right,” added Baboon. “Soon we will all be dead, including our children. They will not even get a chance to grow into adults.”

Antelope, Zebra and Giraffe all nodded in agreement.



After some time had passed, Nogwaja said, “My king, you look very tired indeed. Why don’t we rest a while in the shade under that tree over there?”

Lion was tired – he was sweating heavily. As soon as he lay his head down, he fell asleep. In no time at all, he was snoring loudly. The trickster, Nogwaja, had seen a swarm of bees nearby. He quickly went to the beehive and stole a few honeycombs. Then he ran back and squeezed some honey out onto the sleeping lion’s ears, nose, neck and paws, and even lifted up Lion’s tail and put some honey on his rear end!

Kwalile xa sekudlule ixesha elide behamba, wathi uNogwaja, “Kumkani wam, ukhangeleka uдинwe ngokwenene. Kutheni singakhe siphumle phantsi kwalaa mthi nje?”

UNgonyama wayedinwe kakhulu – wayebile elithonti. Uthe nje ukuba abeke icala, walala yoyi. Kungekudala warhona kakhulu. Umaqhingashe onguNogwaja, wayebone ibubu leenyosi liphuma endlwini yalo ekufutshane. Wakhawuleza waya kuyo waze weba amacangi obusi ambalwa. Wabaleka wabuyela kuNgonyama waza wacudisela ubusi ezindlebeni, empumlweni, entanyeni kunye nasezinyaweni zikaNgonyama, waphakamisa nditsho nomsila wacudisela ubusi nalapho phantsi komsila!

Get story active!

Here are some suggestions of activities you and your children can do after you have read *How Lion got his roar*.



Talk about the story. Here are some discussion ideas.

- Why do you think the animals didn't talk to Lion about the problem they had with the way he hunted?
- What would you have done if you had been one of the animals with this problem?
- Do you think Nogwaja's plan was a clever one? Was it fair?



Pretend you are reporters for your local newspaper. Write an article that describes what happened in the story. You could even draw a picture to go with your article.



Give your children some paper plates, cardboard, wool, glue and paint to make a lion and a hare mask. Let them have fun retelling the story using their masks or making up their own stories with a lion and hare as characters.



Use the story to help you complete the identikits below for Lion and Nogwaja.

Yenza ibali linike umdla!

Nazi iingcebiso zemisebenzi onokuyenza kunye nabantwana bakho emva kokufunda ibali elisihloko sithi, *Indlela okwenzeka ngayo ukugquma kweeNgonyama*.



Thethani malunga nebali. Nazi iingcebiso ezithile eninokuxoxa ngazo.

- Ucinga ukuba kwakutheni izilwanyana zingazange zithethe noNgonyama malunga nengxaki ezazinayo engendlela awayezingela ngayo?
- Wawuza kwenza ntoni wena ukuba wawusesinye sezilwanyana ezinale ngxaki?
- Ucinga ukuba iqhinga likaNogwaja yayiliqhinga elikrelekrele? Ingaba lalinobulungisa?



Yenza ngathi uyintatheli esuka kwiphephandaba lasekuhlaleni. Bhala inqaku elichaza ukuba kwenzeke ntoni kweli bali. Ungazoba nomfanekiso ohambisana nenqaku elo ulibhalileyo.



Nika abantwana bakho iipleyiti ezenziwe ngephepha, ikhadibhodi, iwulu, iglu kunye nepeyinti ukuze benze izigqubuthelo zobuso bengonyama nobomvundla. Bavumele bazonwabise ngokubalisa kwakhona ibali eli besebenzisa izigqubuthelo zabo zobuso bezilwanyana okanye baziqambe awabo amabali anengonyama nobomvundla njengabalinganiswa.



Sebenzisa ibali ukukunceda ugqibezele ii-ayidentikiti ezingezantsi zikaNgonyama noNogwaja.

Identikit/I-ayidentikiti



Name/Igama:

Colour/Umbala:

Size/Ubungakanani:

Other physical features/Inkangeleko nezinye iimpawu zomzimba:

Personality/Indlela esiziphethe ngayo:

Other information/Ezinye iinkukacha:

Identikit/I-ayidentikiti



Name/Igama:

Colour/Umbala:

Size/Ubungakanani:

Other physical features/Inkangeleko nezinye iimpawu zomzimba:

Personality/Indlela esiziphethe ngayo:

Other information/Ezinye iinkukacha:

Nal'ibali on radio!

Enjoy listening to stories in isiXhosa and in English on Nal'ibali's radio show:

Umhlobo Wenene FM on Monday to Wednesday from 9.30 a.m. to 9.45 a.m.

SAfm on Monday to Wednesday from 1.50 p.m. to 2.00 p.m.



UNal'ibali kunomathotholo!

Yonwabela ukuphulaphula amabali ngesiXhosa nangesiNgesi kwinkqubo kanomathotholo yeNal'ibali:

Umhlobo Wenene FM ngoMvulo ukuya ngoLwesithathu kusasa, ukususela ngo-9.30 ukuya ngo-9.45.

SAfm ngoMvulo ukuya ngoLwesithathu emini, ukususela ngo-1.50 ukuya ngo-2.00.



Umpu obizwa iLithesi yabantwana sisihloko sabantu abadla ukugqibezela ukuba abantwana bafumane amava elithesi kangangoko. Nwenzela ku-www.nalibali.org ukusuka ngayo o-11 amangeli elithesi!

Story corner

Here is the final part of the story about Sibu and the problem of his sneezing! Enjoy reading or retelling it.

A little bit (Part 2)

By Wendy Hartmann

"Aaaaah ... tishSSH ... " Everyone bent down and tried to hide. "... SHOOOO!" went Sibu.

Off soared the washing into the air. Down went the flowers, flat against the ground. Away flew Jabu and Nozi's homework. And to the little black cat's delight, out ran the mice.

"This can't go on. We have to do something. Did you eat something that made you sneeze?" asked Mrs Magona.

"No," answered Sibu.

"Did you smell something?" asked Mrs Magona.

"No," answered Sibu.

"Well, what did you do?" asked Mr Samson.

"I did what I do every Saturday morning," said Sibu. "I got up and washed. I had my breakfast. I sat in my chair to read my book, and, as usual, that little black cat came in to say hello."

Everyone turned to look at the little black cat.

"Is she your cat?" asked Mrs Magona.

"Oh no!" said Sibu.

"Who does she belong to?" asked Mrs Magona. Everyone shook their heads.

"Then we'll have to chase her away. Look, your jersey is covered in black fur," said Mr Samson pointing.

"You're allergic to cats, Sibu," said Mrs Magona. "That's why you sneeze. We will have to chase that cat away."

"No," said Jabu and Nozi together. "We'll take her home with us. Ma said we could get a cat."

"And how do you plan on keeping her away from Sibu's house?" asked Mrs Magona.

"Easy," said Jabu. "We'll do what you always say."

"Really? And what's that?" asked Mrs Magona.

"Give her a little bit of this and a little bit of that to welcome her," replied the children.

Everyone smiled.

So Jabu and Nozi went up to the little black cat, stroked its fur and spoke soft words. To everyone's amazement the cat got up and followed them home.

"Aaaah," said Mrs Magona proudly. "It works every time."

"And now," said Sibu, "I'll make my beef stew to celebrate *NO MORE SNEEZING*."

That evening the neighbours sat around the fire and ate Sibu's delicious stew.

And the little black cat? Oh, she was far too comfy and warm to bother Sibu. She knew that at Jabu and Nozi's house, she would always get a little bit of this, a little bit of that, and a whole lot of love.



Illustration by Shân Fischer
Umfanekiso nguShân Fischer

Indawo yamabali

Nantsi inxalenye yokugqibela yebali elimalunga noSibu kunye nengxaki yakhe yokuthimla! Yonwabela ukulifunda okanye ukulibalisa kwakhona.

Intwanana nje encinane (Inxalenye 2)

Libhalwe nguWendy Hartmann

"Haaaah ... tshSSH ... " Wonke ubani wagoba wazama ukuzimela. "... HHUUUU!" watsho uSibu.

Nantso iphaphatheka impahla ebisecingweni. Nazo zivuthuluka iintyatyambo, zisiwa emhlabeni. Nanko uphaphatheka umsebenzi wesikolo kaJabu noNozi. Kwaze ke, okwavuyisa unokatana omnyama, zaphuma zibaleka iimpuku eludongeni.

"Akunakuqhubeka kusenze oku. Kufuneka sizame icebo. Ingaba kukho into oyityileyo ekwenza uthimle?" kubuza uNkosikazi Magona.

"Hayi," waphendula uSibu.

"Ingaba kukho into oyijoyileyo?" wabuza kwakhona uNkosikazi Magona.

"Hayi," waphendula uSibu.

"Ingaba yintoni ke kanye? kubuza uMnumzana Samson.

"Ndenze zonke izinto endiqhele ukuzenza ngoMgqibelo kusasa," watsho uSibu. "Ndivuke ndahlamba. Ndatya isidlo sam sakusasa. Ndahlala esitulweni sam ukuze ndifunde incwadi yam, kwaze, njengesiqhelo, kwangena laa katana incinane imnyama ize kundibulisa."

Wonke ubani waguquka wabheka efuna ukubona ikatana encinane emnyama.

"Ingaba yikati yakho?" wabuza uNkosikazi Magona.

"Owu hayi!" watsho uSibu.

"Yekabani ke?" wabuza kwakhona uNkosikazi Magona. Wonke umntu wahlunguzela intloko.

"Kuza kufuneka siyisukele imke apha. Jonga ijezi yakho inoboya obumnyama," watsho uMnumzana Samson esolatha.

"Impilo yakho iyalana neekati, Sibu," kutsho uNkosikazi Magona. "Yiyo loo nto uthimlayo. Kufuneka siyisukele laa kati imke."

"Hayi bo," batsho bobabini uJabu noNozi. "Siza kuyithatha sigoduke nayo. UMama uthe singayifuya ikati."

"Nize nenze njani ke ukuze ingasondeli endlwini kaSibu?" wabuza uNkosikazi Magona.

"Kulula," watsho uJabu. "Siza kwenza kanye oko usoloko usixelela kona."

"Inene? Ibe yintoni ke leyo?" wabuza uNkosikazi Magona.

"Siza kuyinika intwanana yale nentwanana yaleyaa ukuyamkelela ekhaya," baphendula abantwana.

Wonke umntu wancuma.

Ngako oko ke uJabu noNozi baya kwikatana encinane emnyama, baza bayiphulula, belalisa uboya bayo, bethethela phantsi. Wonke umntu wamangaliswa kukubona ikatana iphakama ibalandela ukugoduka.

"Aaaah," watsho uNkosikazi Magona ngokuzingca. "Licebo eliphumelela ngalo lonke ixesha eli."

"Ngoku ke," watsho uSibu, "Ndiza kwenza isityu sam senyama yenkomo ndibhiyozele *UKUNGAPHINDI NDITHIMLE*."

Ngoloo njikalanga abamelwane bahlala ecaleni komlilo besityu sikaSibu esimnandi.

Ikatana encinane emnyama ke yona yaphelela phi? Owu, yayihleli ntotfontofo kakhulu, ifudumele kamnandi ukuba ingakhathazana noSibu. Yayisazi ukuba kuloJabu noNozi, iza kusoloko ifumana intwanana yale nentwanana yaleyaa, kunye nothando oluninzi.